Lumkela Iminqweno Engalunganga

UDavide NoBhatshebha—Inxalenye 1

Imiyalelo: Funda ezi vesi zeBhayibhile kwindawo ongazukuphazanyiswa kuyo. Njengoko ufunda yiba ngathi ulapho nawe. Yiba ngathi uyayibona into eyenzekayo. Bave ngathi bayathetha abantu abalapho uze uvakalelwe ngendlela abavakalelwa ngayo.
Abalinganiswa abaphambili: UDavide, uBhatshebha, u-Uriya noYowabhi

1 CINGA NGALE MIBHALO.—FUNDA EYESI-2 KASAMUWELI 11: 1-27.

Zoba umfanekiso obonisa indlela olwalusondele ngayo uphahla lukaDavide kwindawo awayehlambela kuyo uBhatshebha.

Ungathi babengabantu abanjani aba kuthethwa ngabo kweli bali?

UDavide _____

UBhatshebha _____

U-Uriya _____

UYowabhi _____

Ucinga ukuba lalinjani ilizwi likaUriya xa wayethetha noDavide kwivesi 11?

_____

_____

2 PHANDA.

UYowabhi wadlala eyiphi indima ukuze kufe u-Uriya?
(*Phinda ufunde ivesi 14-17.*) _____

_____

UBhatshebha wenza ntoni yena kweli bali?
(Intluva: *Phinda ufunde eyesi-2 kaSamuweli 11:4;* noLevitikus 20:10.) _____

_____

Kwakumele ukuba wayephi uDavide ngela xesha wayekunye noBhatshebha?
(*Phinda ufunde eyesi-2 kaSamuweli 11:1.*) _____

_____

IBhayibhile isixelela ukuba uThixo uza kuvusa abantu abafileyo. Ziziphi iingxaki ekuza kufuneka ziconjululwe phakathi kukaDavide, u-Uriya, uBhatshebha, noYowabhi? _____

_____

_____

www.jw.org/xh © 2013 Watch Tower Bible and Tract Society of Pennsylvania

Yiyiphi imithetho eyophulwa nguDavide, kwaye sisiphi isohlwayo awayesifanele? (Intluva: Funda iEksodus 20:13, 14, 17; kunye neGenesis 9:6; Duteronomi 22:22.) _____

_____

Singatsho njani ukuba uDavide wophula nomthetho okwiEksodus 20:15?

_____

_____

3 SEBENZISA OKO UKUFUNDAYO.

Bhala oko ukufundileyo . . .

Ngeengozi zokuqhubeka ucinga izinto ezingalunganga.
(Yakobi 1:14, 15) _____

_____

Ngokuthobela imiyalelo yabantu nakuba ingqubana nekaThixo. _____

_____

Ngemiphumo yesono, enokuba ayikhawulezi ibonakale kuwe okanye kwabanye. (*Phinda ufunde eyesi-2 kaSamuweli 11:27.*) _____

_____

4 ZIBUZE.

Yiyiphi imeko enokwenza ndijonge ndize ndicinge ngeminqweno emibi? _____

_____

Ndingazikhusela njani kwiminqweno engathandwayo nguThixo? _____

_____

Yintoni eyona nto ndiyifundayo kweli bali kwaye ngoba? _____

_____

Ushwankathelo: UDavide wenza isono esinzulu aze azame ukusifihla.
Icebiso: Yenza eli bali libe ngathi lifundwa ezindabeni. Lichaze uze ube ngathi udlan' iindlebe nabalinganiswa abaphambili kunye nabo babukeleyo.

JW.ORG™
Zikhuphelele le PDF ku-www.jw.org/xh

www.jw.org/xh © 2013 Watch Tower Bible and Tract Society of Pennsylvania